

UKUPHONONONGA



Ukuphononga isiqu sakho kunye nomnye umntu kubalulekile ekwakheni ubudlelwane obukhuselekileyo nobomeleleyo. Kusinceda ukuba siziqonde thina, kunye nabanye. Ngokwazi indlela esivakalelwa ngayo, okanye indlela avakalelwa ngayo omnye umntu, sinokulawula indlela esiziphatha ngayo kunye nezenzo zethu, kwaye sakhe iindawo ezikhuselekileyo ngokwasemphefumleni nangokomzimba.

BUZA: Sinokubuzana indlela esivakalelwa ngayo ngokusebenzisa "imibuzo evulekileyo". Imibuzo evulekileyo ayinakuphendulwa ngo-ewe okanye u-hayi. Yenza ukuba kube lula ukufumana iimpendulo ngakumbi kwaye iyasanceda ukuba sikhangele iimvakalelo zethu ngakumbi. Umzekelo, sinokubuzana: "Uziva njani?" okanye "Ingaba ikwenze waziva njani?", endaweni yokubuzana "Ingaba unomsindo?".

IMPENDULO: Ngamanye amaxesha, kunokuba nzima ukufumana amagama okuchaza indlela esivakalelwa ngayo. Kananjalo sisenokungafuni ukuthetha indlela esivakalelwa ngayo ngamazwi. Apha ngezantsi zikho ezinye iindlela esinokubonisa indlela esivakalelwa ngayo. Fumana esebenzayo kuwe, naye wonke umntu ophononongana naye! Kubalulekile ukuba wonke umntu-akukhathaleki ukuba umdala kangakanani na, ukuba uyindoda okanye ungowasetyhini, nokuba ujongeka kanjani - afumane ithuba lokwabelana ngeemvakalelo zakhe.

Chaza ukuba uziva njani usebenzisa umbala	Chaza ukuba uziva njani usebenzisa isandi (hayi igama)	Chaza indlela oziva ngayo usebenzisa imbonakalo yobuso
Chaza indlela oziva ngayo usebenzisa i-emoji yefowuni	Chaza ukuba uziva njani usebenzisa umzimba wakho wonke	Chaza indlela oziva ngayo usebenzisa ingoma

Nanga amanyathelo okuphonononga omnye nomnye:

1. Yenza ITake 5 yeWVC: phefumlela ngaphakathi ngempumlo amatyeli amane, uze uphefumlele ngaphandle ngomlomo amatyeli amane. Phinda oku kwakhona amatyeli amane. Oku kuya kunceda wonke umntu azive ezolile kwaye ethathela ingqalelo.
2. Tshintshanani ngokubuzana: unjani?
3. Xa umntu esabelana ngendlela avakalelwa ngayo (ngamazwi, imibala, izandi, okanye inkangeleko yobuso), wonke umntu kufuneka abeBANANAS. Oku kuthetha ukumamela ngentlonelo, ngaphandle kokuhleka, ukugweba, okanye ukuthetha ngaphezulu komntu, kwaye unake into ethethwa ngabanye abantu.
4. Ukuba ukhona umntu ofuna uncedo, xhasanani. Unokusebenzisa "iphepha elinesikhokelo somsebenzi weGrounding" lwe-WVC ukucinga ngezenzo ezahlukeneyo ezinokusinceda ukuba sonwabe.